## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko: | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathi: | (2 x 25) (50) |

**QAPHELA:** Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kweli candelo.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nemizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35) |

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390 kwisincoko ngasinye.

1.1 Ndaqonda ngaloo mini ukuba ukungaphumeleli ayisosiphelo sobom. **[50]**

1.2 Imfundo kule mihla siphila kuyo. **[50]**

1.3 Iinguqu kwezemidlalo. **[50]**


1.4 Isikhuni sibuya nomkhwezeli. **[50]**

1.5 Ukutshatyalaliswa kwezakhiwo zikaRhulumente. **[50]**

1.6 Singayintoni ngaphandle kwetekhnoloji. **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-Intanethi www.googlesearch.com] **[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhalela uManejala wekliniki ekwingingqi yakho. **[25]**

2.2 **INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini ngomdlalo owuthandayo. **[25]**

2.3 **INGXELO ESESIKWENI**

Bhala ingxelo yentlanganiso njengoNobhala wequmrhu labameli babafundi. **[25]**

2.4 **UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwano-ndlebe. **[25]**

2.5 **ISIVI NELETA EKHAPHAYO**

Bhala isivi neleta ekhaphayo. **[25]**

2.6 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo malunga nemfundo yasimahla. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**